URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Deon Louw
ICandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwaMaziko
Deon.Louw@westerncape.gov.za | 021 467 2653

Inombolo yefayili.: 26/6/R
Isalathiso: IMS 20230213-1334

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko: 0003/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, Amagosa oCwangciso neeNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: Izicelo zokusetyenziswa, ukuselwa nokuthengiswa kotywala obunxilisayo kumasango esikolo okanye kwimisebenzi yesikolo kwiPhondo leNtshona Koloni.

1. INtloko yeSebe, ngokwecandelo 45B(11) loMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997), ikhuphe *iSikhokelo seSebe leMfundo leNtshona Koloni esingoKuselwa okanye uKuthengiswa koTywala oBunxilisayo kuMasango eSikolo okanye kuMsebenzi weSikolo (Western Cape Education Department Guidelines for the Consumption or Sale of Alcoholic Liquor on School Premises or at a School Activity)*.

2. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa iinqununu namabhunga olawulo ngokungeniswa kwangethuba kwezicelo ezimalunga noku.

3. Kucelwa inqununu okanye ibhunga lolawulo liyacelwa liqinisekise ukuba la maxesha amiselweyo alandelayo ezicelo zokuthengiswa okanye zokuselwa kotywala obunxilisayo kumasango esikolo okanye kumsebenzi wesikolo athotyelwa ngokuthe ngqo:

3.1 Inqununu okanye ibhunga lolawulo maliqinisekise ukuba zonke izicelo ziyangeniswa kwiCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko kwaNdlunkulu, ngokuqala zidlule kumphathi wesekethe nakumlawuli wesithili semfundo, ubuncinane kwiintsuku ezingama-30 phambi komhla wetheko omsebenzi ochaphazelekayo; yaye

3.2 I-ofisi yesithili semfundo mayiqinisekise ukuba zonke izicelo ezineengcebiso zomphathi wesekethe nomlawuli wesithili semfundo zingeniswa kula magosa alandelayo eCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko, ubuncinane kwiintsuku ezingama-30 phambi kwetheko ukwenzela ukuba ziqwalaselwe yi-HOD:

Deon.Louw@westerncape.gov.za;
Estelle.Davids@westerncape.gov.za; kunye/okanye

Richard.Maqachela@westerncape.gov.za.

4. Ukungaphumeleli ukulandela ngqo le miqathango icaciswe kule ngcaciso imfutshane kuya kubangela ukuba iCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko lingaziqwalaseli ezi zicelo.

5. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane onke amabhunga olawulo ukuze akuthathele ingqalelo ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo ziyakuthobela oku.

ISAYINWE: NGU-A MEYER
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2023-03-07